

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.


## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.





Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.

Kudala-dala kwakukho usapho lwakwaNtlanzi, umama notata nabantwana abathathu. Lwaluhlala enzulwini yolwandle.

Rhoqo emva kwemini ukuphuma kwesikolo, abantwana bobathathu babencedisa abazali babo ekucoceni ikhaya labo.

Bakugqiba ukucoca aba bantwana bathathu benza umsebenzi wabo wesikolo, baze emva koko baye kudlala.

Usapho lwakwaNtlanzi
lwaluhleli ngokonwaba elwandle.
Lwalufumana intaphane yokutya
kwaye lwalukhuselekile.

Kodwa kwathi ngaminazana
ithile ...



. . . usapho lwakwaNtlanzi lweva umntu okhwaza kakhulu.

"Ncedani! Ncedani! Ncedani!"

"Ngubani lo ukhwazayo?" wabuza uNksk. Ntlanzi.
"Inokuba kwenzeka ntoni bethu?" wabuza naye uMnu. Ntlanzi.
"Siyoyika!" zakhala iintlanzi ezincinci.

Kwakufike ingozi. Babona isikhohlakali uKrebe sileqa usizana oluzilungeleyo, ingelosi yentlanzana.

Usizana lwentlanzana lwaluwakhuphe angako amehlo kukoyika, lwaza lwadadela enzulwini yolwandle. Lwaluzama ukubaleka esi sikhohlakali singuKrebe.

Usapho lwakwaNtlanzi lwadibanisa iintloko. Lwaluza kuyinceda njani le ngelosi yentlanzana?

Babesazi ukuba inye intlanzi engamoyikiyo uKrebe.

Kwangoko uMnu. Ntlanzi watsalela uMnu. Mnenga umnxeba.

"Sincede Mnenga kubi! Esi sikhohlakali singuKrebe sifuna ukutya ingelosi yabantu untlanzana. Sincede usengxakini kwaye asinakuyivumela loo nto."




UMnu. Mnenga wadada kwangoko waya kwikhaya lakwaNtlanzi.

"Ndiza kulunceda usizana olunguNtlanzana," watsho uMnenga. "Kaloku ndimkhulu kwaye ndomelele, andisoyiki eso sikhohlakali singuKrebe."

UMnenga wamthi phaxu-phaxu ngaloo msila wakhe wamtyhalela phaya  kude uKrebe. Ngaloo ndlela wabe ubusindisile ubomi bukaNtlanzana.

UNtlanzana walubulela kakhulu usapho lwakwaNtlanzi ngenceba abamenzela yona. Wakhawuleza waqubha wemka esiya kowabo, kude lee kwisikhohlakali esinguKrebe. "Tshotsh' ubekho Mnenga! Ngobukho bakho kusinde ubomi," lwabulela ngokungazenzisiyo nosapho lwakwaNtlanzi.



Ukuba ngabahlobo kuthetha ukuthembana nokuncedana.

## umnenga

UMnenga ozuba sesona silwanyana sikhulu ehlabathini.



Iminenga zizilwanyana ezincancisayo kwaye ziphefumla umoya njengathi.



intlanzi ebukrele



intlanzi elutyhengetyhenge ingelosi yentlanzi



intlanzi



intlanzi ebunkwenkwezi istafishi

# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1 a. Xelela umhlobo wakho ukuba ulithandile na eli bali. Nika izizathu zempendulo yakho.

b. Ucinga ukuba ngekwenzeke ntoni ukuba uMnu Mnenga ebengayiphendulanga imfonomfono?

c. Yila isiphelo esitsha seli bali.



2 Jonga le mifanekiso mibini. Cinga ngale mibuzo ilandelayo uze uxoxe nomhlobo wakho ngeempendulo zenu.





a. Yintoni efanayo kule mifanekiso mibini?

b. Yintoni umahluko kule mifanekiso?

c. Jonga umfanekiso wokuqala. Ucinga ukuba usapho lwakwaNtlanzi luziva njani? Kutheni ucinga ukuba luziva ngolo hlobo nje? Wakhe waziva ngolu hlobo wena?

d. Jonga umfanekiso wesibini. Ucinga ukuba baziva njani ngoku? Kutheni ucinga ukuba baziva ngolu hlobo? Wakhe waziva ngolu hlobo wena?

e. Ukuba ubuyintlanzi ubuya kuziva njani xa usapho lwakho luhlaselwa ngukrebe?



3 Bhala lo msebenzi encwadini yakho yemisebenzi.

a. Khangela amagama anezi zandi ebalini uze uwabhale.

| | | |
|---|---|---|
| kr | ntl | kh |

b. Khangela amagama anezi zandi ebalini uze uwabhale:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| tyh | oo | nc | gq | hl | nx |

c. Bhala awakho amagama anesandi u-ntl no-kr.

d. Bhala la magama kwisichazi-magama sakho.

| | | | |
|---|---|---|---|
| abahlobo | intlanzi | umnenga | ukrebe |

e. Gqibezela ezi zivakalisi ngokufakela izalathandawo.

| |
|---|
| Badada baya ______ elwandle. |
| Usizana lwentlanzi luhlala ______ kunekhaya likakrebe. |

f. Bhala ezi zivakalisi zilandelayo kwixesha langoku.

| |
|---|
| UMnenga wadadela enzulwini. |
| Beva umntu okhwazayo. |

g. Bhala ezi zivakalisi kwakhona uze ufakele iziphumlisi ezichanekileyo.

. , ? !

| |
|---|
| umnenga waya ngqo kwikhaya lakwaNtlanzi |
| sincede mnenga kubi |
| kwakutheni esoyika nje untlanzana |



4 Funda le mibuzo uze uxelele umhlobo wakho iimpendulo.

a. Sithini isihloko sebali?
b. Ngoobani abalinganiswa abaphambili kweli bali?
c. Liqhubeka phi eli bali?
d. Yeyiphi ingozi eyayijongene nosapho lwakwaNtlanzi?
e. Balisa ibali ngawakho amagama.
Bhala izivakalisi ezi-4 okanye ezi-5.
f. Zoba umfanekiso wesivakalisi ngasinye ubonise umhlathi wakho.



5 Yenza ngathi unguNtlanzana. Bhalela uMnenga i-SMS umbulele ngokusindisa ubomi bakho.



Inqanaba: 3

# Incwadi 3

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Tshotsh' ubekho Mnenga |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yenqanaba lesi-3 yebanga lesi-2 Incwadi 3 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | inzulu, usapho, coca, ingozi, usizana, ukungabi nathemba, ukudibanisa iintloko, ukutsala umnxeba, qwaka-qwaka, tyhala |
| Isigama: | ulwandle, intaphane, ukhuseleko, ukonwaba, ukrebe, umnenga, ukoyika, khwaza, khala, ingxaki, ukomelela, ukusinda |
| Izandi: | tyh, qw, kr, ts, nx, nz, ndl, hl, kh, ntl, oo, ee, nc |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Thetha ngemvakalelo engebali uze unike nezizathu.<br>▪ Ucinga ngonobangela nesiphumo<br>▪ Yila isiphelo esitsha sebali.<br>▪ Chonga iimvakalelo ezifanayo nezingafaniyo.<br>▪ Nika izizathu ngeemvakalelo ezithile ozivayo.<br>▪ Khangela amagama anezi zandi ebalini: ntl, kh, kr<br>▪ Khangela amagama anezi zandi ebalini uze uwabhale: tyh, ee, oo, nc, hl.<br>▪ Bhala amagama kwisichazi-magama sakho.<br>▪ Fakela izalathandawo.<br>▪ Bhala izivakalisi kwakhona kwixesha langoku.<br>▪ Fakela iziphumlisi ezichanekileyo.<br>▪ Phendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.<br>▪ Bhala umyalezo wombulelo omfutshane we-SMS. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga lesi-2 zoLwimi Lweenkobe:

### Inqanaba: 1

- USisi unomhlobo omtsha
- Kunzima ukuba yinja
- Mhla iqwarhashe lanemigca
- UNdlulamthi uyakuthanda ukufunda

### Inqanaba: 2

- UBubu ulahlekile
- Benza njalo abahlobo
- Intshontsho ledada elibi

### Inqanaba: 3

- Ibhayisekile entsha kaBheki
- Izilwanyana ziya elwandle
- Tshotsh' ubekho Mnenga

ISBN 978-1-4315-2631-4

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2631-4

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.